



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2012

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P1

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:
2. ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Ulwimi (30)
3. Funda yonke imiyalelo ngocoselelo.
4. Phendula yonke imibuzo.
5. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
6. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
7. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
10. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

Funda eli nqaku lingezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

NDADLWENGULWA LUSAPHO

1. UKhanyisile ubesele enabantwana abathathu kodwa eneminyaka eli-16 nje kuphela. UKhanyisile Mthethwa, (20), uxelela uKamogelo Sebola weBona ngotata omkhulisileyo noonyana bakhe ababemdlwengula de wakhulelwa.
2. Ndandineminyaka emine xa umama ondizalayo waphisa ngam kwelinye ibhinqa esithi uza kubuya aze kundilanda ngokukhawuleza. Kwathi kanti oko kukuza kukaNxele. Ndakhulela eMbonambi, KwaZulu-Natal nabantakwethu ababini nomama notata. Kodwa izinto zatshintsha emva kweminyaka embalwa. Njengokuba ndandingoyena mncinane, ndandilala nabazali. Ngenye imini umntu endandisithi ngutata wandidlwengula. Ndandineminyaka esibhozo okanye elithoba ngelo xesha. Wandigrogrisa ngokundigxotha emzini wakhe ukuba ndiye ndaxelela abantu, esithi kakade andinguye nomntwana wakhe. Wandixhaphaza ngesondo iinyanga ezimbalwa. Ndandisifa ziintlungu ndaza ndaxelela “umama” ngoku kuxhatshazwa. Zange enze nto, wasuka wathi ndilixoki elifuna ukuchitha umzi wakhe, wandibetha kanobom. Ndadlwengulwa de ndaneminyaka eli-11. Kanye ngelo xesha elinye ilungu losapho endandicinga ukuba ngumntakwethu laqalisa nalo ukundidlwengula. Wayeneminyaka engama-35, engasebenzi. Usuku lokuqala wayevela kundilanda esikolweni. Ndathi xa ndikhulula, wandiyalela ukuba ndilale ndivule imilenze. Ndandisele ndikwazi ukuba oko kuthetha ntoni ngoko andizange ndikhale. Ndakwamkela oku ngelithi ubomi bam bunje. Ndandidlwengulwa ngunyana noyise. Ndiyamezele nokubethwa “ngumama”. Ndakhuleliswa “ngumntakwethu” ndineminyaka eli-12. Ndaxelela umongikazi ngeli bali lam ndicinga ukuba uza kundisindisa kwesi sihogo. Amapolisa abamba umntakwethu, kodwa ndabuyiselwa kolu sapho ndithukwa kushiywa elilityelweyo.
3. Utata wayeka ukundidlwengula kuba esoyika ukubanjwa. Umama wandinyanzela ukuba ndixokise inkundla ndithi ndandithandana nonyana wakhe. Ndandisemncinane, ngoko ndathetha loo nto ndandiyiyalelwe. Umdlwenguli wam wakhululwa emva kokuba ityala lirhoxisiwe. Ndaba nomntwana wokuqala ngo-2003 ndineminyaka eli-13 ubudala. Emva kokubeleka, omnye unyana waqalisa ukundidlwengula. Kwiminyaka eli-15 ndakhulelwa umntwana wakhe. Kwiminyaka eli-16 ndandinabantwana abathathu kwaba bantu bazalwa kunye. “Umama” wayesithi ndiyakuthanda ukulala noonyana bakhe. Ndathetha nonontlalo-ntle ukuba afunele abantwana bam ikhaya. Kule minyaka mithathu andikababoni tu, kwaye ndicetyiswe ukuba ndingababoni de ndiphile emphefumleni. Ndasiwa kwikhaya leenkedama kodwa ngenxa yokuphathwa kakubi ndabuyela koluya sapho. Kodwa kweli tyeli abazange bandichukumise.
4. Ekuqaleni konyaka ndifune usapho lwam lokwenene ndancedwa nguKhumbul’ekhaya. Ngoku ndihlala nomzala wam, kwaye ndibuyele esikolweni. Ndifuna ukuba ngunontlalo-ntle ndincede amantombazana akwimeko efana neyam.

Ndingakuvuyela ukuhlala neentsana zam xa ndigqibe ukufunda ndifumene nomsebenzi. Bobathathu ngamantombazana, kwaye andinakuthanda ukuba baxhatshazwe ngendlela endixhatshazwe ngayo. Umama ondizalayo andimqumbelanga. Ndingcinga ukuba wayenezizathu zakhe. Kunzima ukuxolela usapho olwandidlwengulayo njengokuba beyabula ngokukhululekileyo mna ndixhelekile emphefumleni.

[Icatshulwe kwiBona kaMeyi 2010, iphepha lama- 45, yaza yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 Nika igama lomntu obaliselwa eli bali. (1)
- 1.2 Eli bali siliphakelwa lishushu yiyiphi imagazini? (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.3 Ukuze lo mdlwenguli ongutata angaxelwa nguKhanyisile wayemoyikisa ngantoni? (1)
- 1.4 Ukudlwengulwa kukaKhanyisile kwakungabeki ubomi bakhe esichengeni sokumitha kuphela, koko zikho nezinye iingxaki awayenokujongana nazo. Xela ibe NYE ingxaki awayenokuzibona ekuyo. (2)
- 1.5 Chonga kwezi mpendulo uzinikiweyo leyo inika intsingiselo yesi saci sikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi;
- Kwathi kanti oko kukuza kukaNxele.
- (a) Into eyenzeka kwixesha elingephi ulindile
- (b) Into engasokuze yenzeke
- (c) Into eyenzeka emva kwexesha elide ulundile (2)
- 1.6 Ngokokwakho ukucinga kutheni igama “umama” lifakwe kwiimpawu zocaphulo rhoqo kweli bali? (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.7 **Yinyani okanye luluvo?** Uzixhase.
- Ukuze ukhulelwe kufuneka udlwengulwe ngabantu abaninzi njengoko kwakusenzeka kuKhanyisile. (2)
- 1.8 Ngokwakwiscatshulwa sizathu sini esakhokhelela ekukhululweni komdlwenguli njengoko wayebanjiwe? (1)
- 1.9 Xa ubala wena inokuba uKhanyisile lo wazalwa ngawuphi unyaka? (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.10 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:
- Kunzima ukuxolela usapho olwandidlwengulayo njengokuba **beyabula** ngokukhululekileyo mna ndixheleke emphefumleni. (2)
- 1.11 Uncedo oludibanise uKhanyisile nezihlobo zakhe lwavela kuliphi icala? (1)

ISICATSHULWA B

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMAMA SISISEKO: YINTONI EYENZA UMAMA WAM OHLUKE

1. UShimane Morake onama-22 eminyaka yimvumi esakhasayo yase-Alexandria. Unina, uSheila Kgwale onama-40 eminyaka wanikisa ngaye emva kokumzala, kanti wakhe wambambisa, wagqibela engenakhaya.
2. Umama wandifumana esesesikolweni. Ngenxa yokuba usapho lwakowabo lwaluhlupheka, wandinikezela kubantu bakulotata. Umakhulu wam, uMabatho, wandikhulisa. Ndafunda kwisikolo esiphambili kwaye umakhulu wayeqinisekisa ukuba ndifumana yonke into endiyidingayo. Wandishiya ndineminyaka eli-11, emva koko yonke into yatshintsha. Ndathunyelwa kutata, ndasuka apho ndaya kudadobawo, owathi wandithumela kumama. Umama wayendiphethe okomntu angamaziyo. Kwakusithi xa kukho ukutya endlwini, abelane neentombi zakhe kuphela. Ndandisithi ukuba ndikhe ndazama ukutya, andingxolise andigrogrise ngokundibetha. Yenzeka le nto iinyanga zaqengqeleka wade wandithumela ukuba ndiye kuhlala nomnakwabo ongasebenziyo.
3. Ngenye imini ndaya endlwini yakhe ndiyokukhangela ukutya. Ndathi xa ndicela imali yokuphinda e-Alex, wanditshixela. Ndandicaphuka ndaze ndazama ukuvula ucango ngenkani, ndalophula. Wandibizela amapolisa ndabanjwa iinyanga ezintandathu. Emva kokukhululwa kwam ndabona ukuba akandifuni. Ndabuyela e-Alex, ndaphindela esikolweni, ndahlala nodadobawo. Wathi xa esiya kuhlala nomntu wakhe owayengandifuni, wandipakishela iimpahla zam wandixelela ukuba ndiphindele kumama. Kulapho ke ndaya kuhlala esitratweni. Ndashlala esitratweni iminyaka emibini de umhlobo kamakhulu, uSelina Saul, wathi mandize kuhlala naye. Ulungile kwaye undikhumbuza umakhulu.
4. Ndiqinisekile umama wam uyandizonda, kodwa ndiyafuna ukusazi isizathu. Kusuke kutheni xa umama engamfuni kangaka umntwana wakhe ade ambambise ngaphandle kwesizathu? Ngamanye amaxesha ndiye ndithi akwaba umama wayendikhulisile. Ubomi bam ngebungenje; ume kakuhle ngoku ngekwazile ukundikhulisa kunye nabanye abantwana bakhe.

[Icatshulwe kwiBona ka Meyi 2011, iphepha lama- 73, yaza yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.12 Kha uxele into ibe nye ebuhlungu eyenziwa nguSheila kunyana wakhe. (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.13 Ingaba **yinyani** okanye **asiyonyani** ze ucaphule apha kwisicutshulwa ukuxhasa impendulo yakho? (2)
- Umakhulu kaShimane usaphila. (2)
- 1.14 Ngokolwakho uluvo, **kulungile** okanye **akulunganga** ukunikezela ngomntwana wakho xa ungamfuni? Xhasa uluvo lwakho. (2)

- 1.15 Emva kokohlukana noMabatho uShimane ukhuliswe ngabantu abaninzi. Xela babe BABINI abantu abamkhulisayo. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.16 Ngubani owanceda uShimane ukuze naye afumane uthando ngokufana nabanye abantwana? (1)

- 1.17 UShimane ngokuhlala esitalatweni wayejongene neengxaki ngaphandle kwale yokungabi nakhaya. Khankanya ibe NYE ingxaki awayenokuhlangana nayo. (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.18 Uthi uShimane uqinisekile ukuba umama wakhe uyamzonda. Xa ucinga wena inokuba lo mzalikazi yintoni le ibangela ukuba amzonde ngolu hlobo umntwana wakhe? (2)

- 1.19 Ezi zicatshulwa zibini zisibonisa nto ithile ngaba bafazi engaqhelekanga neyothusayo (okaKhanyisile omzalayo nokaShimane). Yintoni le siyityhilelwa ngaba babhali ngaba bafazi? (1)

[13]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, uze usishwankathele **ngokomhlathi**. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma zibe si-7 ze uzicwangcise ngendlela ethungelanayo nehambelanayo
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ushwankathela ngawakho amazwi kodwa ungaphumi emxholweni.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zokubhala nomsebenzi ococekileyo.
- Shwankathela ngamagama aphakathi kwama- 60 ukuya kuma- 70.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngokuchanekileyo ngezantsi kweshwankathelo

(7)

(3)

IMPINDEZELO NOKUZISOLA

Ukuthinjwa kwentombi kaLindokuhle Nyoka emva kwengxabano ngezothando, kwaba kukufa kwayo. Ingaba uLindokuhle wazisa isigebenga ebomini bosana lwakhe?

Ndikhumbula ngathi bekuyizolo. Ndandifuna ukubona oku koncumo lukaWandile (5) okokugqibela. KwakungoLwesine, umhla we-14 ku-Aprili walo nyaka, ndeva ukuba uWandile ufunyenwe eswelekile kumkhukhu weqabane lam eDaveyton. UThulane Sibanyoni owayesisinqandamathe sam, weba uWandile kwiintsuku ezimbini ezingaphambili.

Mna noThulane sasixabene nge-R300 awayeyibolekwe ngumntakwethu ngoDisemba. Wathi une-R200 kuphela waze umntakwethu wayala, esithi uyifuna iphelele. Ndamxelela ukuba akulunganga ukuba aboleke imali kumntakwethu iinyanga ezine zonke aphinde ayibuyise ingaphelelanga. Wathi ndikhetha amacala. Olu xambulswano lwaqhuba iintsuku ezintathu, de uThulane wapakisha iimpahla zakhe wemka. Ndandisazi ukuba uya kumama wakhe eDaveyton ngoko andazihlupha ngokumfowunela. Ngelo xesha uWandile wayekwa-anti wam. Umntakwethu waya kumlanda nje emva kokuba uThulane emkile. Wothuka akuxelelwa ngu-anti ukuba uThulane umthathile kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo esithi uthunywe ndim.

UThulane wayesoloko emthatha uWandile njengentombi yakhe. Oko sadibana kwiminyaka emithathu edlulileyo, wayesenzela yonke into. Andizange ndikhe ndicinge nakanye ukuba angaze amlimaze. Ndamfowunela uThulane kodwa yabe ifowuni yakhe icinyiwe. Ndafowunela udadewethu ohlala eDaveyton ndamcela ukuba aye kukhangela uWandile kuloThulane. Endaweni yoko, waya emapoliseni waya kumangala. Baqalisa ukumkhangela. Ukufika kwabo kumkhukhu kaThulane wawutshixiwe, banyanzeleka ukuba bawuqhekeze. Bafumana umzimba kaWandile ubanda ceke, phezu kwebhedi kaThulane, ugqunywe ngengubo. Udadewethu uthi wayebonakala ngathi ulele. Ndandingazi ukuba ndithini, uThulane wayengabonwa ndawo. Ngokweziphumo zokuhlolwa komzimba, uWandile wabulawa yingqele. Ndakhululeka ndakuva ukuba akazange adlwengulwe. Ndiyazibuza ukuba oku kwenzeka njani. Ingaba usapho lukaThulane aluzange lumbone uWandile? UThulane yena wayecinga ntoni, ade athathe umntwana ngenxa yengxabano engenamsebenzi? Ingaba wayezama ukuziphindezela kwenzeka ebengakulindelanga? Imibuzo yam ayisokuze iphenduleke.

Kwaba buhlungu kakhulu ukubona umntwana wam esemotshuwari. Ndandifuna ukufa. Ibikukuphela kwentombi yam. Kundophula intliziyo ukucinga ukuba umntwana wam ufe ngenxa yendoda eziswe ndim ebomini bakhe.

[Icatshulwe kwiBona kaSeptemba 2011, iphepha lama-80, yaza yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

Funda lo mhlathana ulandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo:

Ngenxa yeli bubu lalimrhawule akakwazanga kakuhle ukuphinda agalele uSnail. Ithole ledolophu lamthi rhiphu okwesibini laphinda labuya nendwangu kodwa ngoku inegazi. Akakhange alibazise uSnail akubona iliwa libheke umoya. Uye wasika umoya izithende zibetha enqentsu. Loo mbono wengwamza exabangelayo inyusa ipaseji ivuthelekile iwenze acubhuka yintsini amanye amakhwenkwe wambi ehleka ukubona umntu omde kangaka eleqwa ngomfutshane. Umthe mbende umfo waseKapa waya kumkhupha esangweni lehostele exel'ingqege ithe tywashu inkomo. Esi senzo sikaSnail sokucinga ukuba angalwa netsotsi ephethe intonga sibe yintlekisa ethe yawuxokozelisa umzi.

- 3.1 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziswe njani?
Umthe mbende umfo waseKapa (1)
- 3.2 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:
Ithole ledolophu lamthi rhiphu okwesibini laphinda labuya **nendwangu**. (1)
- 3.3 Lenze msebenzi mni igama elinomgca ngaphantsi:
Laphinda labuya nendwangu kodwa ngoku inegazi. (1)
- 3.4 Yakha isaci okanye iqhalo esinentsingiselo/ elinentsingiselo ethetha into enye neli lingezantsi ngoncedo lwegama elikwisibiyeli:
Akazange alibazise uSnail akubona **iliwa libheke umoya**. (Amanzi) (2)
- 3.5 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha elimiyo:
Esi senzo sibe yintlekisa. (2)
- 3.6 Ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi libonisa:
Umfo waseKapa waya kumkhupha esangweni lehostele exel'ingqege ithe tywashu inkomo.
(a) Isikweko
(b) Isimntwiso
(c) Isifaniso (1)
- 3.7 Ngaphandle kwentsingiselo ekulo mhlathana evezwe ligama “exabangelayo”, nika enye intsingiselo esenokuvezwa ligama “**ukuxabangela**”. (2)

[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Yakha isivakalisi ngesiqu sesenzi u-**buza** sithi sikwimo yaso yentsusa sibe neenjongosenzi eziMBINI. (2)
- 4.2 Lungisa la magama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:
Infundo ibaluleke kakhulu kuba ikusa **enphumelelweni** (2)
- 4.3 Isimamva esikwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi sibonisa ntoni? Khetha kwezi zidweliswe ngezantsi:
Usisi uhlambisa umama impahla.
(a) Ukubangela ukuba umntu othile enze into ethile
(b) Ukuba umntu othile ulixhoba loko kuxelwa sisenzisa
(c) Ukuba umntu uncedisa omnye ekwenzeni into. (1)
- 4.4 Khetha isifanekisozwi kwezi zikwizibiyeli ukufakela kwesi sivakalisi.
.....! undibetha kabuhlungu. (Halala! , Yeha!, Shu-u!) (1)
- 4.5 Xela ukuba amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi asetyenziswe njani:
(a) Abona bafundi baphumelelayo ngabo bafunda iincwadi zabo kuselishesha. (1)
(b) Abafundi abazimiseleyo bavuka kusasa bafunde iincwadi zabo. (1)

[8]**UMBUZO 5**

Funda esi sibhengezo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso:

Ungumfundi wesikolo iMvuno?
Uyafunda, awunathuba lokwenza umphako?
DLULA KWA-
SIS' BEE'S VETKOEKS

Amagwinya aqhotsiweyo,
Aluncuthu mazangwa,
Avuzisa izinkcwe
Athi nditye-e.

Thenga igwinya nge-R1, uphiwe isilayi sepoloni

Uza kuhlutha esentwala,
Uzive udlamkile,
Ufunde uphumelele.

INDAWO: Kumkhukhu ongasesangweni esikolweni
IXESHA: Ngu-7 kusasa- 5 malanga yonke imihla

Sinonophela sikwajonga isisu sakho

- 5.1 Yiyiphi le mveliso ithengiswa apha? (1)
- 5.2 Kutheni kusetyenziswe iifonti ezingafaniyo nje kwesi sibhengezo? (1)
- 5.3 Le mveliso ibhekiswe koobani? (1)
- 5.4 Sithini isilogeni salapha?
- 5.5 Chonga umqolo obonisa ulwimi
Olujija ingqondo (1)
- 5.6 Ngokolwakho ulwazi eli binzana lithi “ **uncuthu mazangwa**” lithetha ukuthini
okanye libhekiselele kwinto enjani? (2)
- [7]**

UMBUZO 6

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

ZUZA IIMPAHLA EZINTLE ZIKABONANG

BONA

OKWE-XABISO nge-R8,75 qha!

IHLAZO!
Ooweyitala baphila ngemali abayiphiwayo

Imikhwa
10 Eluncedo Kwezobuhle

NGOOHLOHL' ESAKHE
Icala elibi leFIFA

Ibali eliyinyani Udlwengulwe lusapho

IINDUMASI EZINE-HIV
Kutheni befanele ukuyilwa le mfazwe

UConnie weGenerations
AKANASO ISIBELEKO,
KODWA USELILO IBHINQA
LOKWENENE

MAY 2010
www.bona.co.za
CANTON MAGAZINES

MAY 2010 XHOSA
R8,75 (VAT incl)
Other countries
R7,67 (tax excl)

10005
9 770302 921006

- 6.1 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca:
Ibali eliyinyani (1)
- 6.2 Le ndumasi idlala kowuphi umdlalo kamabonakude? (1)
- 6.3 Oohl'esakhe ngabantu abanjani? (1)
- 6.4 Le magazini ixabiso layo liyafana elizweni lonke jikelele. **Yinyaniso** okanye **bubuxoki?** Zixhase. (2)
[5]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70